## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### UKUMAKISHA UVAVANYO LOKUQONDA

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/Ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu iingongoma ezimbini-kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8 Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 1.1.1 Ukuvala ukuze into ingakwazi ukwenzeka√/ukuthintela√/ ukunqanda.√ (1)

1.1.2 Kuwucacisa kakuhle umyalezo wokuba xa usenza into yisebenze ulindele iziphumo.√ (1)

1.1.3 Ukwenza izinto ngendlela eyiyo√/ukuzama√/ukuzondelela kwinto oyenzayo√/ukungancami√/ukungatyhafi.√

[Nayiphi kwezi zingentla.] (1)

1.1.4 Ukungancami kuko okwenza umahluko phakathi kokoyisakala nokuphumelela.√ (1)

1.1.5 Ungandinceda ngokuba ndazi ukuba xa ndifuna iziphumo ezihle azifumaneki lula ziyasetyenzelwa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.6 Abantu baneenjongo ezahlukileyo ebomini kunganzima ke ukuzikopa√/kungakudodobalisa ukulinganisa okwenziwa ngomnye umntu√/usenokungazazi iinkcukacha ezaneleyo zobomi babanye abantu ngaphandle kwezobakho ubomi√.

[Naziphi ezibini kwezi zingentla] (2)

1.1.7 B/Kukutsalela emva√/B√/Kukutsalela emva.√ (1)

1.1.8 Ukungatyhafi kwinto oyifunayo nokuba uzibona ungaqhubeli phambili√/Ukukhuthala ngokuphindwe kalishumi√/Ukuba nomonde kwaye uzingise xa izinto zingakuhambeli kakuhle.√ (3)

1.1.9 Kukuba bayoyiswa kukulugcina udlamko lwabo ixesha elide, banikezele.√ (1)

1.1.10 (a) Isaci.√ (1)
(b) Ukuhamba kade kwezinto.√ (1)

1.1.11 Kukukholelwa kubuvuvu bokuba ixesha lokuphumelela sele likushiyile.√ (1)

1.1.12 Kukudlala ngexesha√/ukungalisebenzisi ngendlela eyiyo ixesha. √ (1)

1.1.13 Ngamazwi athi, 'Nkqu noThixo angakunceda!'√√ (2)

1.1.14 ... amaxesha amahle namabi afika ngexesha elinye. √ (1)

1.1.15 Kukunceda ngokuba kukunika amandla okulinga√√/kukuphungula ukoyika nokutyhafa√√/kukwenza uzithembe √√ (2)

1.1.16 Ewe, iyandikhuthaza ukuba ndingadinwa, ndingatyhafi ndizondelele kwinto endiyenzayo kuba umzingisi akanashwa.√√

**OKANYE**

Hayi, imizekelo ayisebenzisileyo ayihambelani nobomi bam√√/ kudala yathethwa le nto ayitshintshi nto. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2 **OKUBONWAYO**

1.2.1 NgoSeptemba 2012.√ (1)

1.2.2 Owokuba abamkelekanga kwiqela leBafana Bafana. (1)

1.2.3 Inkangeleko yobuso bakhe √ kunye nekhadi aliphetheyo eliqhele ukusetyenziselwa ukunika isohlwayo.√ (2)

1.2.4 NguTeko Modise√ noAndile Jali.√ (2)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2

## UKUMAKISHA USHWANKATHELO

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6-7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| | **Iingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo.** | | **Iingongoma ezinokubhalwa ngumfundi.** |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Kufuneka ungothuki. Qhuba kancinci ungedluli kwisantya esingama-40 eekhilomitha ngeyure, ulayite iihazadi.' | 1. | Thob'umoya nesantya udanyazise iihazadi. |
| 2. | 'Khupha ingalo yokunene ngefesitile uwakhombise ngayo ukuba mawakulandele, kwenze oko ukuphindaphinda.'. | 2. | Wakhwebe ukuba akulandele. |
| 3. | 'Ngqala kwisikhululo samapolisa esikufuphi nawe.' | 3. | Yiya kwisikhululo samapolisa kuba kungayingozi ukugoduka. |
| 4. | 'Fowunela ku-10111 uxele ukuba kukho imoto ekulandelayo.' | 4. | Tsalela u-10111 umnxeba uxele isikrokro sakho nenombolo yemoto ekulandelayo. |
| 5. | '... kwisikhululo samapolisa khalisa ixilongo (hutari) kakhulu kude kuphume ipolisa eliza kukunceda.' | 5. | Kwisikhululo samapolisa, khalisa ixilongo ulinde ipolisa. |
| 6. | 'Hlala ngaphakathi emotweni ungayicimi injini.' | 6. | Hlala emotweni iduma. |
| 7. | 'Xa uye waya egaraji misa ungqamane neekhamera.' | 7. | Misa egaraji ungqamane nekhamera. |
| 8. | 'Zigade ungenzi zenzo zobundlobongela, njengokuphikisana nepolisa elo.' (63) | 8. | Ungaliphikisi ngobukrwada ipolisa koko cacisa ingxaki yakho. (43) |

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UKUMAKISHA ICANDELO C

1. Upelo

- Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
- Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
- Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

## UMBUZO 3

3.1 Ukutya okuvuthiweyo.√ (1)

3.2 Abantu abonqena ukupheka okanye abangenaxesha lokupheka√/abantu abayisebenzisa ngobunono imali.√ (1)

3.3 Indawo omele ukuba kuyo!√ (1)

3.4 Ujija ingqondo zabathengi.√ (1)

3.5 Eyokuba umthengi acinge ukuba kukuphela kwepleyiti efikelelekayo le√√/umthengi angajikelezi athenge le ipleyiti.√√ (2)

3.6 Ukuze abathengi bakwazi ukuya apho ikhoyo irestyu, bakwazi nokufumana iinkcukacha abazifunayo ngomnxeba.√ (1)

3.7 A Oluqhathayo√/Oluqhathayo√/A√ (1)

3.8 Ewe, kuba kulumkisa abantu ngezinto ezifana nokutyeba kakhulu nezifo ezenziwa zindlela zokutya ezingalunganga. √√

**OKANYE**

Hayi, kuba oko kuza kunqanda abantu bangayi kutya abaneengxaki zeswekile baphathwe yiswekile kuba belambile√√/iza kwenza abantu bangakuthengi ukutya libhange ishishini lakhe. √√ (2)

**[10]**

**UMBUZO 4**

4.1 Mem! √ (1)

4.2 Siyanqanda njengala mazwi.√√ (2)

4.3 Ukuhamba nje akufanelanga kubhatalelwa mali√√/akuvisiswananga ngale mali ibhatalwayo phambi kokuba ibizwe.√√ (2)

4.4 Owu! Ishumi l<u>ee</u>randi!√ <u>Lela</u>ntoni?√ (2)

4.5 A/kukuhlekisa ngentlalo phakathi koMem noMary√/A√/Kukuhlekisa ngentlalo phakathi koMem noMary.√ (1)

4.6 Ucinga ukuba ininzi le mali ifunwa nguMary √/Ucinga ukuba akamelanga kubhatala mali.√ (1)

4.7 Hlawula.√ (1)
**[10]**

**UMBUZO 5**

5.1 5.1.1 Liyayalela√/Sisenzi esiyalelayo√/Sisenzi.√ (1)

5.1.2 Ukutyana√, sibonisa isinciphiso√/ubuncinci bento.√ (2)

5.1.3 Dayethi√ – kwisiNgesi√ (2)

5.1.4 <u>Isigulo</u> sibangelwa kukutya ukutya okungalunganga.√ (1)

5.1.5 ... mzimba ...√ (1)

5.1.6 Thabatha inxaxheba kwezemidlalo kuba oko kunegalelo elikhulu ekuphumleni.√ (1)

5.1.7 Nditya iziqhamo ezinjengee-orenji ebusika ukuze ndingaguli.√
Iziqhamo zokuzimisela kwinto oyenzayo yimpumelelo yakho.√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

5.1.8 Ukutya kakhulu <u>akutyebisi</u>.√ (1)

5.1.9 Uyabhitya√/Uyanqina.√ (1)

5.1.10 (a) Isimnini.√ (1)
(b) Isimelabizo soqobo sokugxininisa.√ (1)

5.2.1 Nceda ngokutya. √ (1)

5.2.2 Ndizokondla unyana wam!√ andinamsebenzi√ (2)

5.2.3 Inkwenkwe yacela amalizo esitalatweni√/Inkwenkwe yawacela amalizo esitalatweni. √ (1)

5.2.4 Igqibe indlela yonke.√ Ubaxo/Ugqithiso/Ubabazo.√ (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**